

linguquko kuBume beMeko yeeNdawo — ziyinto ekhoyo

INKULUNGWANE YAMASHUMI AMABINI ANANYE IFIKE NEMICELI-MINGENI EMININZI KULIMI WANAMHLA. OMNANYE WALE MICELI-MINGENI YINGUQUKO KUBUME BEMEKO YEENDAWO. NGOKU SIFIKELELE KWIBANGA APHO ESI SIHLOKO SINGENAKUPHINDA SITHINTELWE KHONA.

Abalimi kufuneka baphawule ezi nyaniso zikhoyo ukuze baqalise ukuhlangabezana nemibandela yobubanzi obukhulu yobume bemeko yeendawo kumanqanaba aphantsi omgangatho wobomi, ezifama nasezityeni zethu. Umsebenzi wokufama udinga iinkalo ezimbini zokusebenza xa sijolise ekuqaliseni sithe chu ngokuguqula lo mzila wenguquko yemozulu. Ezi nkalo lulawulo lobume bemeko yeendawo nolawulo lwezolimo.

Kwingxelo esesikweni yeNkqubo yeZizwe eziManyeneyo yoBume beMeko yeeNdawo kukhankanywe ukuba abalimi nemveliso yokutya ngokubanzi iya kuba lelinye lamashishini achaphazeleka kakubi kakhulu ngenxa yenguquko yemozulu. Le yingqikelelo exhalabisayo, kodwa ukuba abalimi bezigaba ngezigaba bathatha amanyathelo zininzi iingxaki ezisisiphumo ezi-

nokucuthwa kakhulu. Eli nqaku liya kunika amanyathelo asisiseko wenze intsimi yakho ukuba ikwazi ukumelana nemiceli-mingeni yobume bemeko yeendawo efana nembalela kunye nonqunguphalo lwamanzi.

Imbalela


Kulindeleke ukuba imbalela ixhaphake ngakumbi kwaye iqatsele ngenxa yenguquko kwimozulu. Ukulungiselela ezi ziganeko ngolu hlobo kufuneka sizinike ithuba lokuzinzisa ingqondo kwimozulu. Umsebenzi wokufama ngokubanzi ufuna isicwangciso samaxesha. Amaxesha ethu okutya nokuvuna kufuneka achaneke ukuze amathuba amade angenamvula abe nelona futhe lincinane kwizityalo zethu nezivuno zazo.

Iintlobo zezityalo ezilinywayo nazo zidinga ukuhlenga-hlengiswa ngokweziphumo “zemiba oyifumanisileyo ngemozulu”. Mhlawumbi elona nyathelo libaluleke kakhulu ekufuneka lithathwe ngabalimi kukusoloko benolwazi ngemiba emitsha evelayo kwihlabathi lezolimo. Kusoloko kukho izinto ezintsha ezifunyaniswayo neziqhutyelwa phambili, nokuba zikumba wezofuzo, imichiza okanye ezobugcisa. Izityalo ezikwaziyo ukumelana nembalela nezimelana kakuhle neemeko

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso lwabavelisi

FUNDA NGAPHAKATHI:

- 3 > Umlimi wonyaka
osaPhuhlayo utyelele
e-Australia
- 7 > Ukutshatyalaliswa kokhula
– ukususela ekuqaleni
ukuya esiphelweni
- 10 > Ukubaluleka kolawulo
olufanelekileyo lwefama



4



8

linguquko kuBume beMeko yeeNdawo – ziyinto ekhoyo



UMama uJane uthi...

A singommangalisano ukuba ngonyaka ngamnye AngoMatshi, sonke sifumane iimvula ezintle kwaye izityalo zisinde ebushushwini behlobo? Indalo iyamangalisa ngoko ke sisikelelekile!

Kwiminyaka embalwa edlulileyo sithe sibhengeze “imfazwe phezu kokhula?”. Ndikhe ndaya ezindaweni eziliqela kutshanje, ndingatsho ukuba silufumene uloyiso emfazweni, nangona ithatha ithuba elide. Ngo-2011, bangaphezu kwe-1 100 abalimi bethu abancinane abathenge izitshizi ze-knap sack – ezi zitshizi ziyinxalenye ebalulekileyo yezixhobo zokulwa nokhula. Khumbula ukuba akufuneki uyeke ukulwa nokhula nanini – kuba xa uluyeka lube nembewu, kuya kubakho amawaka okhula oluthe chatha kwixesha elizayo lonyaka. Qhuba ngokulwa – tshiza okanye isikofolo, kodwa uze ungaphumli ude uphumelele edabini lentsimi yakho.

Sikholelwa ekubeni sifumana imifuziselo yemozulu engaqhelekanga ngenxa yokufudumala kwehlabathi. Nokuba yintoni isizathu, imozulu yethu ayiqhelekanga. Ezinye iindawo zomile kodwa bezifanele ukufumana imvula, kanti ezinye zifumana imvula eninzi, okanye ubushushu obugqithisileyo, njalo njalo. Le mifuziselo engaqhelekanga isinyanzela ukuba siphucule ulawulo lwethu lwezityalo. Nceda, tshabalalisa ukhula onalo nge-michiza. Kwiminyaka enemvula eninzi, akukwazi kungena emasimini ukuze ulutshabalalise ngomatshini ukhula, xa kunjalo isityalo sitsaliswa nzima lukhutshiswano lokhula.

Silubonile uncedo ekusebenziseni imbewu eseyilungile ye-Roundup – khumbula ukuba le mbewu yohlobo olulodwa iphuhlise ngendlela yokuba i-Roundup ingawubulali umbona kodwa ibulale zonke ezinye izityalo. Ukusebenzisa le mbewu yohlobo olulodwa kuneendleko ezithe chatha, kodwa ulondoloza ngezinye iindlela ezininzi, kwaye uphantse ukuqiniseka ngesityalo esilungileyo. Nceda zama ukwenza amalungiselelo okuthenga le mbewu ineendleko eziphezulu kunyaka ozayo – uya kwaneliseka ziziphumo.



zonxunguphalo kusenokwenzeka ukuba zibe kuphela kwezityalo ezilinywayo xa singade siyiqonde inguquko yobume bemeko yeendawo. Ukuba sisebenzisa ulwazi esilufumanisa ngethuba “lokuzinzisa iingqondo kwimozulu” silime iintlobo namanani ezityalo achanekileyo ngexesha elifanelekileyo, kulapho kuphela apho sinokuba nethemba lokukwazi ukuthintela ezinye zeelahleko ezinokungandeka ezenziwa lunxunguphalo ngembalela.

Ulawulo lwamanzi

Kulindlekele ukuba kubekho ukwanda kokunqaba kwamanzi ngenxa yenguquko yemozulu. Ngokubanzi icandelo lezolimo lisebenzisa amanzi amalunga nama-70% awo onke amanzi asetyenziswayo. Njengoko abalimi bengabatyholwayo ngokuphathelele nokusetyenziswa kwamanzi, kubalulekile ukuba sikulawule ngobuchule nangokuqaphela ukuwasebenzisa kwethu amanzi ukuze sinciphise ifuthe lethu kunxunguphalo jikelele lwamanzi.

Siluphucula njani ulawulo

Iwethu lwamanzi asebenza efama?

Kufuneka siqiniseke ukuba zonke iinkqubo zamanzi kwifama yakho zisebenza ngokuqaphela! Lungisa zonke iimpompo ezivuzayo, imidibaniso kunye neevalvu kwaye ubeke iliso kwimibhobho evuzayo ephantsi komhlaba. Ngokuphathelele nabalimi bemfuyo indlela yokuqaphela yeyokuseka amanqanaba okuqukela kwizikhongozelo zokusela nto leyo ecutha ukuchitheka (malunga ne-15 cm ukuya kuma-20 cm ezantsi kodini), oku kulondoloza isixa esikhulu samanzi ngosuku ngalunye.

Wakuba uluphucule ulawulo lwakho lwenkqubo yamanzi, inyathelo elilandelayo kukuzibandakanya nezenzo zokusebenzisa amanzi

njengomhlaba emsebenzini wokufama.

- Musa ukuncenkcesha ngeeyure zemini ezishushu kakhulu, oku kuya kunciphisa ukujika kwawo abe ngumphunga.
 - Gquma izityalo ezisandul ukulinywa (malunga neendawo ezincinane) ngesigcinakufuma sesitroyi esomileyo, ifula yelusini, amaceba eenkuni okanye izithungu zengca ezincinane, oku kunciphisa ukuqhuma kwamanzi.
 - Ukuba ifama yakho isethambekeni lenduli kuya kunceda ukulandela indlela eyindalo yokugcina umhlaba ngokulandela iikhonto zethambeka olilimayo. Oku kuya kunganda ukulahleka komhlaba ekutshayelekeni kwaye kuya kuvumela ukufunxwa kwamanye amanzi.
 - Okokugqibela, yiba nohlobo oluthile lwenkqubo yokuvuna ngokusebenzisa amanzi emvula kwifama yakho, iinzuzo ziya kuba nkulu. Esi sixokelelwano sinokugxunyekwa endlwini yakho okanye eluphahleni lweshadini ukuze amanzi asetyenziselwe izinto ezininzi njengokuncenkcesha indawo encinane ukuya ekuhlambeni iimpahla. Sigcina amanzi acocekileyo ekusetyenzisweni kakubi, sigcina imali yakho ngokuphathelele neendleko zamanzi kwaye sigcina ixesha lakho xa kuvalwe ubonelelo lwamanzi.
- Ubume bemeko yendawo kunye neenxalenye zabo busisiseko sezolimo kwaye ukuba sifuna ukuxhamla kubo kodwa singabuphathi kakuhle, sisenkathazweni. Ukuze kuqhube ukuveliswa kokutya nakwixesha elizayo nokulungiselela amanani abantu awanda ngokukhawuleza jikelele, kufuneka siziqhelanise kwaye sibe nento esiyenzayo ngemiceli-mingeni esiyiphathelwa yindalo endleleni yethu.

NGUGAVIN MATHEWS, UMMELI WOLAWULO LOBUME BEMEKO YEENDAWO, UKZN

Umlimi wonyaka osa-Phuhlayo utyelele e-Australia

NGOMHLA WE-7 UKUYA KOWE-22 JULAYI 2011 uWILLIAM MATASANE NO (JOHAN KRIEL) BAFUMENE ITHUBA ELINGUMMANGALISO LOHAMBO OLUYA E-AUSTRALIA NOKUYA KUBONA INDLELA EYENZIWA NGAYO IMISEBENZI YOKUFAMA APHO. FUNDA NGOHAMBO LWETHU OLUMANGALISAYO (NOLUNEZIFUNDO) OBELUSINGISE ELIZWENI ELIKUDE.

Ngomhla we-26 Agasti 2010 ngoSuku lomBhiyozo wonyaka, apho iNkqubo yoPhuhliso yaseGrain SA ibiphakamisa amalungu avelise ngaphezu kweentoni ezingama-250. Omnye weendwendwe obemenyiwe ibinguGq Lee McNicholl, ugqirha wezilwanyana othathe umhlala-phantsi nosengumfama weenkomo e-Australia. UDirk van Rensburg, ilungu lesiGqeba esiLawulayo sase-GSA nolilungu leqela elisebenza uPhuhliso lwezoLimo, uze naye ukuze abone okwenzeka eMzantsi Afrika ngokuphathelene nophuhliso lwezolimo. Babedibene kwiminyaka engaphambili xa uDirk ebetyelele i-Australia malunga nokusungulwa koKhathalelo loMhlaba waza uLee watyelela uMzantsi Afrika ukuza kuba nenxaxheba kwitumente yamagqala yebhola yombhoxo. Emva kwengcaciso kaGq McNicholl kwamanywa ogqwese kumLimi woNyaka woPhuhliso lwamaFama eziTyalo eziziiNkozi lwaseGrain SA kunye nabani weqela lakhe elinika inkxaso ukuba batyelele elase-Australia iintsuku ezili-14. Abalimi bendawo yakhe bebezakuzikhathalela iindwendwe xa behlawulele amatikiti abo okubhabha kuphela.

UWilliam Matasane uphumelele, enye into yimbali. Ngothando olukhulu nangokukhuthala uJane McPherson uququzelele ukuba i-ABSA ihlawule itikiti likaWilliam kunye ne-Maize Trust ukuba indixhase. AbaLawuli besiGqeba saseGrain SA basinike inkxaso yemali. Ngoko ke aqalisa amava abanzi abalimi ababini abatsha abangazange bakhe baya naseKapa, akusathethwa ngeendawo eziphesheya kweelwandle.

Ngomhla we-7 Julayi 2011 amadoda othukileyo namangalisiweyo ayishiya iGoli esiya eSydney, e-Australia. Safika emva kweeyure ezili-16 saza kwiinyure ezimbini saba seBrisbane, apho uLee noPaul McNicholl basifuma-

na khona. Kwiiveki ezimbini ezilandelayo bebengabamkeli bethu, iinkokeli zokhenkatho baza basenza amalungu eentsapho zabo.

Siye sahlala noMcNicholl kwifama yabo, iDulacca, ubukhulu becala lohambo. ULee ngumfama weenkomo oneenkomo ezingama-2 000. Ezinye zeekampu zinkulu kangangama-800 eehektare kwaye konke kususiwe ngaphandle kwamadlelo eengca nemidumba. Unomsebenzi omnye kuphela oncedisayo ukuze konke okunye kwenziwe zizinja zeenkomo zohlobo lwase-Australia. Uninzi lweenkomo yiAngus, kodwa zikhona nee-Brahmans. Le ndawo yase-Australia ayinamakhallane – ndandingakholwa! Bathengisela ngqo iindawo zezondlo kwaye akukho lunqongophalo. Ezindlwini zabo basebenzisa amanzi emvula kuphela abawaqokelela ezitankini kanti izindlu zasese zigungxulwa ngamanzi edama. Kusetyenziswa imingxuma yezitsala-manzi ukuze kubekho amanzi emfuyo kodwa loo manzi awasetyenziswa ngabantu.

Ngobusuku bokuqala salala eBrisbane saza saya kubona i-Brisbane River. Siyile nakukhutshiswano lokugqibela lwebhola yombhoxo ye-Super 15 eSuncorp Stadium. Sazimanya nee-Aussies kwizikhalo zoloyiso lwabo xa ii-Reds bezisoyisa iiCrusaders. Ngemini elandelayo, ngomhla we-10 Julayi ngeCawa, ukhenketho lwethu lwaqalisa ngokusesikweni. Zininzi izinto esazibonayo nesazifundayo kangangokuba apha ndinganika isishwankathelo kuphela.

Sityelele eQueensland, kuma-400 km eNtla kweBrisbane, kwizithili zaseToowoomba, e-Condamine, e-Dolby nakwezinye iindawo.

Sityelele iindawo ezimbini zezondlo zeenkomo ngethuba lethu lotyelelo: i-Grassdale ye- Mort & Co kunye ne-Lillyvale, yosapho lwakwa-Morgan. EGrassdale baneenkomo ezingama-58 000. Ifama ziihektare ezingama-5 585 ubukhulu kwaye balima nezityalo eziziinkozo kwiihektare ezingama-2 590 zalapho. Oshiyekileyo umhlaba weehektare ezingama-2 995, usetyenziselwa amadlelo apho kondliwa khona amankonyana amancinane angekakulungeli ukuya kwiindawo zezondlo. Onke amanzi emfuyo avela kwimingxuma yezitsala-manzi enzulu ngaphezu kwewaka lobude bee-feet. Amanzi ashushu



UWilliam Matasane onemincili noLee McNicholl noPaul McNicholl kukhutshiswano lokugqibela lebhola yombhoxo yeSuper 15 eSuncorp Stadium.



UWilliam noJohan batyelele ne-Leslie research centre eQueensland.

Umlimi wonyaka osaPhuhlayo utyelele e-Australia

ngokungathi ayabila kuze kufuneke ukuba mawapholiswe edamini elikhulu phambi kokuba athululwe kwizikhongozelo zamanzi. Zonke iindlela zinetha, zicoceke kakhulu kwaye ziyabukeka.

Indawo yesondlo yaseLillyvale ikwizakhiwo ezindawonye zase-Arubial njengoko bekuxeliwe, kwaye yeyosapho lwakwaMorgan. UMargaretta Morgan, oneminyaka engama-71 ubudala noonyana bakhe ababini balawula indawo yesondlo nefama enkulu yezityalo. Balima amazimba, ingqolowa nomqhaphu. Naxa seyihambele phambili iminyaka yakhe, uMargaretta usaqhuba iToyota 4x4, ukhulisa amankonyana neebhokhwe kanti ukwalawula namahashe eBrahman kunye negadi yeentyatyambo ezintle. Usebenza kwikhaya lakhe, uyapheka, ucoca indlu kodwa usoloko ecocekile, ebukeka kakuhle; iinwele zilungiswe kakuhle iinzipho zipeyintiwe. Hayi! Inkosikazi ehlonipheke kangako!

Simisile naseRodney nakwifama kaMargaret Hamilton i-Callitras. Ngethuba lezikhukula zika-2009/2010 ifama yabo yayigwantye emanzini amaxesha amathathu waze walahlekelwa zizivuno zakhe zamazimba nengqolowa. Usebenzisa iindlela zobuchule-bokungalmi kwaye usebenzisa isitshizi, isixhobo sokutyala nesokuvuna kuphela. Isitshizi sifikelela kuma-42 m ngexesha, sineekhamera kwaye sitshiza indawo ethile ngexesha. Amasimi anomphhezulu olungelelene okwetafile kubekho kuphela ithambeka elincinane leqondo elinye kwicala elinye. Bebekekile bevuna amazimba xa uWilliam engena emva kwevili leso sixhobo soyikekayo siluhlaza. Khangela ndiphinde ndikwazi ukumnqanda.

ULindsay Ward, ingcaphephe kubuchule-bokungalmi, sihleli naye imini yonke esibonisa esichazela ngendlela yokuphatha umhlaba. Siphinde satyelela i-Leslie Research Facility apho benza khona uphando ngengqolowa, irhasi nehlabi. Phantse njenge-Small Grain Centre yethu, umbuso unika inkxaso-mali, kufumaneka noncedo kwirhafu ezihlawulwa ngabalimi bethu bezityalo ezizinkozo. Ngokwenza njalo bayakwazi ukunika izimvo ngezinto ekufuneka zenziwe.

Ukhenketho lwethu nalo belubandakanya ukuphuma ukuya kwindawo

yeqela lamahashe yaseSandon Glenoch Angus kaRoger Boshammer apho balungisa khona iinkunzi eziya kwindaliso. Amadlelo abo alinywe entsimini eyaqala yasuswa zonke izinto, waza umphezulu wenziwa walungelelaniswa phambi kokutyala. Simile nakwifama kaPeter Wright, iBanyula, apho batyisa khona ngokweeseli. Iikampu zinobukhulu obuphakathi kwehektare ezingama-25 nama-35 kwaye zigcina umyinge weenkomo ezingama-400. Ehlotyeni iinkomo zitshintshwa yonke imihla ukuze ebusika kube ngosuku lwesithathu rhoqo kuphela. Ingca ibukeka njengengca echetywayo kanti ngoku umlimi unokutya okuninzi xa kuthelekiswa nemfuyo anayo. Iyaman-galisa impumelelo kaPeter nenkosikazi yakhe, uMary. Bazenzela ngokwabo – abanamsebenzi.

Iintsuku ezimbini ezidlulileyo sizichithe eSydney apho sityelele khona iSydney Opera House, i-Tower Bridge nendawo yezidalwa zasemanzini. Sibe namathuba amabini odliwano-ndlebe nabakwa-ne-TV Broadcasting Cooperation yaseAustralia kunye nodliwawo-ndlebe lwerediyo amaxa amathathu. Sidlale umdlalo webhola yombhoxo wabantu abadala sidlalela i-Condamine Codgers xa ibiqubisana ne-Bundaburg Rum Ruckers, apho uWilliam ebaleke khona ukusuka emgceni ophakathi waya kuyibeka emgceni wokukora ibhola phantsi kwezintu.

Abalimi base-Australia basise emakhayeni abo basifaka nasezintliziyweni zabo. Basibonise zonke iindawo. Bafuna ukuba uMzantsi Afrika uphumelele. Bafuna ukubona ukubuyiselwa komhlaba kusenziwa ngendlela efanelekileyo. Bebeluhlobo lwabantu abafana nathi kodwa kuthi bantu baseFree State, oko bekungaqhelekanga, sifumene amava exesha lethu lobomi. Sibulela wonke umntu owenze olu hambo lwayimpumelelo. UJane ngokuncekelela kwakhe kude kwenzeke, i-ABSA, i-Maize Trust nabaLawuli besiGqeba saseGrain SA ngabaxhasi, kunye noDirk van Rensburg, obe siqalo sako konke. Mna noWilliam siqwenela ukubulela kakhulu!

**NGUJOHAN KRIEL UMQUQUZELELI WEPHONDO
WENKQUBO YASEGRAIN SA YOPHUHLISO LWAMAFAMA**



i-Sydney Tower Bridge yenye yeendawo ezininzi ezityelelwe nguWilliam noJohan ngoko bebese-Australia.

Isiriyeli zasebusika

Khetha umhlanganiselwa ochanekileyo wengqolowa



**NGELISHWA BAMBALWA ABALIMI KAKHULU ABALIMI ABASAPHUHLAYO
ABAKWAZIYO UKULIMA INGQOLOLWA NGENXA YENYANISO YOKUBA ABA-
FUMANI TYALA NGEMVELISO.**

Nangona sikholisa ukutyhola amaziko abolekisa ngemali, kufuneka siphinde sikhumbule ukuba ukufama lishishini kwaye akakho oza kubolekisa ngemali xa uhlalo lwabiwo-mali lweshishini lungabonisi kufumana nzuzo entle.

Iindleko ziphezulu ngakumbi eFree State, ingqolowa inemingcipheko njengoko besingazifumani iimvula zokuqala kwentlakohlaza eziyimfuneko kangako kule ngingqi. Khumbula ukuba eFree State asizifumani iimvula zasebusika (njengaseKoloni) kanti isityalo sengqolowa sikhula emhlabeni ogcine ukufuma. Ukuba sifumana iimvula zasentlakohlaza eFree State sinako ukufumana isityalo sengqolowa, nangona kunjalo, xa umhlaba unokufuma kuphela, asinakufane sifumaneke isityalo esilungileyo.

Kukho abalimi abalima ingqolowa kwaye kufuneka bakhe bacinge ngokukhethwa kwemihlanganiselwa. Ukukhethwa kwemihlanganiselwa sesinye sezigqibo ezibaluleke kakhulu kwezoqoqosho. Injongo kukufumana eyona mbuyekezo iphezulu nenqanaba elilelona liphantsi lemingcipheko.

Isakhono sesivuno

Imihlanganisela iyahluka ngeendlela enika ngayo isivuno sayo ngokweemeko eziguqukayo zesakhono sesivuno. Eminye imihlanganisela iqhuba phucukileyo ngesakhono sesivuno esiphantsi, kanti eminye isebenzisa iimeko zesakhono esiphezulu phucukileyo. Owona mihlanganisela onguwo uya kunika isivuno esisesona siphhezulu kuzo zonke iimeko zesakhono se-

sivuno. Oku kubonisa ukuziqhelanisa okugqibeleleyo, kodwa ngelishwa, umhlanganiselwa onjalo unqabile ngenxa yeminye imibandela, efana nodidi lweenkoko, isiqukatho se-hectolitre nobuthathaka kwizifo, ezisoloko zinen-dima. Kubaluleke ngakumbi ukuba phantsi kweemeko zomhlaba owomileyo umlimi kufuneka asazi isakhono sesivuno sefama yakhe namasimi akhe ngokomhlaba, imozulu nesakhono solawulo; ngoko ke isivuno esinako uku-fumaneka ekujoliswe kuso sinokufumaneka.

Ukuhlelwa ngokweendidi nomgangatho

Imithetho yokuhlela ngokweendidi ngokwengqolowa yesonka iquka esona siqukatho siphantsi seprotheyini, esona siqukatho sincinane se-hectolitre kunye nenani elilelona liphantsi lokuwa. Njengoko ixabiso oya kulifumana ngesityalo lixhomekeke kwiindidi eziphunyeziweyo, kufuneka uqinisekise ukuba imihlanganiselwa ekhethiweyo iya kuzihlangabeza ezi mfuneko phambi kweemeko zakho zemveliso.

Izifo nezinambuzane ezonakalisa izityalo

Ubukho bezifo nezinambuzane ezonakalisa izityalo kwingingqi ethile nobuthathaka bemihlanganiselwa kwezo zifo nakwezo zinambuzane mabuqatshelwe. Ngale ndlela, imingcipheko neendleko zamagalelo (iindleko zokutshiza) zinokuncitshiswa.

Ixabiso lembewu

Xa umlimi ethenga imbewu yomhlanganiselwa eneendleko ezithe chatha, kufuneka aqiniseke ukuba iindleko zembewu ziya kubuya kwisivuno esithe

◀ Khetha umhlanganiselwa ochanekileyo wengqolowa

chatha. Phantsi kweemeko zesakhono esiphantsi sentsimi, mhlawumbi umlimi angafumana bhetele xa etyala imbewu eneendleko eziphantsi, imihlanganiselwa yohlobo lomzila othile.

Ubunzima be-hectolitre

Ubunzima be-hectolitre balatha umgangatho weenozo ezifumanekayo kwaye olu phawu lunxulunyaniswa ngamandla nomhlanganiselwa othile. Iiyantlukwano ezinkulu zamaxabiso phakathi kwemigangatho eyahluka-hlukileyo nomgangatho wokusebenziseka nazo ziyakuchaphazela ukukhet-hwa komhlanganiselwa. Oku kwenzeka ngakumbi kwiindawo ezikuxinzelelo lwamanzi agqithisileyo omhlaba nobushushu ezisebenzisa ukufakelwa kweenkozo, apho iimvula zinganqumamiyo khona ngethuba lokuvuna nala-pho izifo zezityalo zenzeka qho khona, kungenzeka ukuba kubekho ilahleko ezinkulu nokwetha komgangatho weenozo ngenxa yobunzima obusezantsi be-hectolitre.

Amandla esitroyi

Ukuxinana kwamanzi nengqolowa emasimini awomileyo kaninzi kukhokelela kwiilahleko zesivuno. Ingxaki ikholisa ifumaneka xa kugqithisiwe kwiimeko ezibalulekileyo zesakhono sesivuno, kodwa ikhona neminye imibandela enendima efana nomoya okanye ubukho bezichotho, ukunkcenkcesha okwenzelwa phezulu nokufakwa kwesichumiso esine-nitrogen egqithisileyo. Kwiindawo neemeko apho kuqhelekileyo khona ukuxinana, ukulinywa kwemihlanganiselwa okunokuchaphazeleka kufuneka kuqwalaselwe ngokuqaphela.

Ukunyamezeleka kwe-aluminium

Imihlaba ethande ukuba nesimuncu esithe chatha (pH KCl) ngaphantsi kwe 4,5 nezine-asidi eyiyeyona inokufumaneka engaphezu kwe 10% kwiindawo ezithile zengqolowa inokufumana amanqanaba e-aluminium ehamba

ngokukhululekileyo neyityhefu kwimihlanganiselwa ethile. Imihlanganiselwa iyashiyana ngokunyamezela la manqanaba anobungozi. Ukuba iimeko ezinjalo ziyenzeka, oko kunokunceda umlimi ukuba aqhelanise umhlanganiselwa wakhe awukhethileyo. Nangona ukufakwa kwekalika echanekileyo kusesona sisombululo sigqibeleleyo, imihlanganiselwa enyamezelayo inokubonwa njengeniyathelo lethuba elifutshane.

Ithuba lokukhanya okuthe chatha nokungena kwentlakohlaza

Ithuba lokukhanya okuthe chatha nokungena kwentlakohlaza kulawula ithuba lokukhula kwaye sekukudala zisaziwa njengemiba ebalulekileyo elawula ukuziqhelanisa kwemihlanganiselwa. Makukhethwe imihlanganiselwa ekwaziyo ukuziqhelanisa neemeko zemozulu ezifana nobude bexesha lokunyaka lokukhula, umfuziselo wokuna kwemvula, ubushushu kunye nemihla yokuqala neyokugqibela yeqabaka. Ngokuphathelele noku, imihlanganiselwa eyiyeyona ifanelekileyo seyivavanyiwe kwaye iinkcukacha ziboniswa ngokwemihla eyiyeyona ifanelekileyo yokutyala ngomhlanganiselwa ngamnye.

Ukucumka

Lo mba uphathelele nokuba ukhozi olunamathela kwincam yesikhwebu luvuthwe kakuhle kangakanani, nokuba ngaba isigqubuthelo sekhasi silugqume kangakanani ukhozi. Phantsi konkcenkcesho imihlanganiselwa ethile ichaphazeleka lula kukonakaliswa ziintaka neelahleko ngexesha lokuvuna.

Ukunyamezela kokuntshula phambi kokuvuna

Oku kuphathelele nokunyamezela komhlanganiselwa ukuntshula entloko phambi kokuvuna. Kubalulekile ukwazi ukuba akukho mihlanganiselwa ekhutshiweyo eya kuntshula entloko phantsi kweemeko eziqhelekileyo. Eminye imihlanganiselwa ngoko ke, ifane ifumane ukuntshula phambi kokuvuna kuneminye.



NGUJAN DE VILLIERS, UMLIMI OTHATHE UMHLALA-PHANTSI

Ukutshatyalaliswa kokhula – ukususela ekuqaleni ukuya esiphelweni



ABALIMI BEZITYALO EZIZIINKOZO eMzantsi Afrika bazi banzi ngeziphumo ezibi zokhula olukhula emasimini. Ukutshatyalaliswa okuncomekayo kwezi zityalo zihlaselayo eziba ukufuma zize zinciphise isondlo sezityalo kubalulekile ngalo lonke ixesha lonyaka lokukhulisa kanti bonke abalimi abarhwebavvyo abanempumelelo banenkqubo engagotywayo jikelele abayisebenzisayo yokuthabalalisa iingxaki ezahluke-hlukileyo abazaziyo.

Imfihlelo yokutshatyalaliswa kokhula okuncomekayo, ifumaneka ekubekweni kweliso okunganqumamiyo kwemeko yasemasimini ukususela kwithuba eliphambi kokutyala ukuya emva kokuvuna.

Ububanzi bohlaselo lokhula emasimini bunxulumene ngqo nesivuno semveliso kuloo masimi. Abalimi bakholisa ukuqala ixesha elitsha lonyaka ngothakazelelo ngokulandela zonke iinkqubo ezilungileyo. Ukutshatyalaliswa kokhula kunikwa ingqalelo ukuze imbewu entsha ityalwe emihlabeni emihle engenalukhula ukuze izityalo ezisencinane zikwazi ukutyhalela ekukhanyeni kwelanga nokukhula ngokukhululekileyo. Kodwa kaninzi abalimi “baphelelwa ngamagugu” – okanye yimali – okanye ngamandla – okanye baphazanyiswa zezinye izinto ezinoxinzelelo kumashishini abo baze bangakwazi ukuqwalasela ukhula oluzibhijela kwiingcambu zezityalo ezikhulayo, lude lukhule ngokupheleleyo luvulise imbewu esuka mhlawumbi yenze okubizwa ngokuba “yibhanki yembewu” yexesha elizayo lonyaka okanye isuke ingcolise iinkozo ezifanele ukusiwa eziseleni zendawo leyo phambi kokuthengiswa.

Imbewu inemijikelo yobomi eyahluka-hlukileyo.

- Enye ikhula ngonyaka ukuze igqibe umjikelo wayo wobomi ngonyaka omnye ukususela ekuntshuleni kwembewu ukuya kwimveliso yembewu.
- Ukhula olukhula kwiminyaka emibini lugqiba umjikelo wobomi balo kwiminyaka emibini ngokuntshula kunyaka wokuqala, lube ngathi alukho ebusika luphinde luqhube ngokukhula kunyaka ozayo ukuze kuvele imbewu lwandule ukufa.
- Ukhula oluhlala lukhona luphila kwixesha elingaphezu kweminyaka emibini kwaye luyakwazi ukwanda kwiindawo ezilwandisayo njengakwizityalo ezinabayo, kwiingcambu, kwiindumba, okanye emagaqeni nakwimbewu.

Ukhula olukholisa ukuba yingxaki kubalimi bombona lukholisa ukuba nemijikelo yobomi efanayo kunye nezimbo zokukhula ezifana nezombona ukuze lube yingozi kwisakhono sokuveliswa kombona ngokuba nefuthe kubukhulu besivuno nakumgangatho wesivuno. Ngaphaya koko, ukhula luthanda ukuba zizityalo ezomelele kakhulu ezikwaziyo ukumelana neemeko zokukhula ezingamkelekanga kanti nesakhono sakho sokuvelisa imbewu siphezulu.

Ibhanki yembewu

Xa ukhula luyekwe lwakhula lwada lwagqibelela lude lube nembewu ewa emhlabeni, le mbewu yenza okubizwa ngokuthi “yibhanki yembewu” yokhula. Amanqanaba okulawula ukhula anganeno kuma70% ohlaselo akhokelela kwimveliso eninzi yembewu nezongezo ezikhulu zembewu kwibhanki yembewu ngxaki leyo ekhokelela kumanani aphezulu ezithole zokhula kwixesha

elizayo kwaye luba ngumthombo omkhulu wohlaselo emasimini alinyiweyo.

Ukutshatyalaliswa kokhula okunempumelelo kwethuba elide lubandakanya ukutshatyalaliswa kwezithole zokhula ezikhula emasimini ngokunjalo kufuneka nelinge elenziwayo lokunciphisa ibhanki yembewu emasimini ngokuqinisekisa ukuba ukhula alufumani thuba lokuhuhlisa imbewu entsha emhlabeni. Ngoko ke akwanelanga ukugqalisela kuphela ekutshatyalalisweni kokhula kwasekuqaleni kwexesha lonyaka kuphela – ukutshatyalaliswa kokhula makube lugqaliselo oluphambili ngalo lonke ixesha lonyaka!

Ukutshatyalaliswa kokhula kulo lonke ixesha lonyaka

Iithuba elibalulekileyo lokuthabalalisa ukhula emboneni likwiiveki ezintathu ukuya kwezintandathu emva kokutyala. Ungenelelo olwenziwa kwangethuba kweli banga lubalulekile ukuqinisekisa isithembiso sezivuno ezizezona ziphezulu. Izityalo ezingumbona ezigcinwe zingenalukhula kulo lonke eli banga lokukhula zinako ukukhula kwintsalela yexesha lonyaka zinefuthe elilelona lincinane elingafunekiyo kwisivuno sezityalo nokuba ukhula lusakhula ecaleni kwazo. Kubalulekile ke ngoko ukungayeki ukuthabalalisa ukhula ngeli xesha kuba akufuneki kulityalwe ingozi yethuba elide yokhula olukhula lugqibelele entsimini. Abalimi kufuneka baziqhelanise neentlobo ngeentlobo zokhula kunye neempawu zalo ezifana zodwa. Yiba nolwazi ngomjikelo wobomi bokhula kwindawo ohlala kuyo kunye nendlela oluchaphazela ngayo isityalo nesivuno salo. Yazi ngeziphumo zembewu ezakutya kwiisityalo esigqibileyo uku-khula esilele entsimini evunwayo ngokunjalo yazi ngeempembelelo zembewu yokhula eziya kubakho xa imbewu ifunyenwe kwiinkozo ezisiwa esiseleni xa sowufuna ukuthengisa imveliso yakho.

Iinkozo ezifumaneka esiseleni

Umphathi wendawo yakho wesisele uya kukwazi ukukukhokela. Isampulu yeenkozo ithathwa kumthwalo wakho wenqwelo weenkozo ukuze uvavanyelwe izinto ezininzi ezifana nomgangatho kunye nodidi lwesampulu. Umthwalo ngamnye osiwayo uvavanyelwa “i-skadelike sade”. Imbewu yokhula efunyenwe kwisampulu iya kuphembelela umda wakho wenzuzo kwaye nayiphi imbewu engafunekiyo okanye enetyhefu iya kuthetha ukuba umthwalo wakho weenkozo uya kuhluzwa, ucoce kwaye uvavanywe. Inkqubo yokuhluzwa inokwenziwa kumaxa ambalwa ade aneliseke umnini-sisele ngokuba iinkozo zikhuselekile zinokugcinwa. Inkqubo nganye yokuhluzwa ineendleko ezihlawulwa nguwe mfama ukuze oko kutye inzuzo. Kwisisele seenkozo saseNWK sendawo le ebendiye kuso, intlawulo yokuhluzwa ngenkqubo enye yi-R44,00/ ngetoni nganye. Xa ukhula belungatshatyalaliswa kakuhle ngexesha elo lonyaka, umphathi wesisele uya kuthi isiqulatho sembewu yokhula kwiinkozo siphezulu kangangokuba kufuneka ngaphezu kwenkqubo yokuhluzwa enye ukuze kususwe wonke umqondiso wembewu enetyhefu.

Umonakalisi wokuqala: I-Olieboom lutshaba lomlimi!

Eyona ngxaki inkulu kumsebenzi wokulima iinkozo yi-Datura stramonium, ekholisa ukubizwa ngokuba yi-olieboom okanye i-jimsonweed. Olu khula

Ukutshatyalaliswa kokhula – ukususela ekuqaleni ukuya esiphelweni

luyaxhaphaka ehlotyeni kwaye intsusa yalo ikwiMelika naxa ngoku ikhona kwiindawo ezininzi ezilima ukutya okuziinkozo ehlabathini. I-*olieboom* ikholisa ukukhula ibe nde kangange-1 m ukuya kwi-1,5 m. Iintyatyambo zinemilo efana netrampethi, zimhlophe ukuya kwezikhrimu mhlawumbi nemibala engaqaqambanga emfusa. Isityalo ngasinye sivelisa izingxobo zembewu eninzi kangange-100 okanye ngaphezulu kubakho iimbewu ezingama-200 - 300 kwisingxobo ngasinye. Ezinye iingxelo zofundo-nzulu lwezenzululwazi zithi xa lungatshatyalaliswa ukhula, kuveliswa iimbewu ezingama-2 000 nge-square metre zize zongezelele kwibhanki yomhlaba. Le mbewu iyakwazi ukuhlala izifihlile emhlabeni kwiminyaka engama39. Isityalo se-*olieboom* sithanda ukuhluma ngexesha elinye nesityalo sombona, sikhule ngamandla kwaye sikhuphisana kakhulu ngamanzi, ngezondlo nangeemfuneko zokukhanya. Ukhula luya kukhula ngamandla ngalo lonke ixesha lokukhula kombona ide iqabaka yokuqala eyomeleleyo ichaphazele isityalo sombona kwibakala lokuhlohleka kokhozo.

Elinye igama elixhaphakileyo lembewu kwizityalo ze-*olieboom* yi-*malpitte* okanye yimbewu ye-*madness*. Zonke iinxalenye zesi sityalo – ngakumbi imbewu namagqabi – zinetyhefu eninzi kwaye zibangela ukugula okuxhalabisayo kokubona izinto ezingekhoyo nokuphambana kwaye zisenokumbulala umntu nempahla efuyiweyo xa zityiwe. Zininzi iziganeko zokulaliswa esibhedlele nokufa ezixeliweyo.

Kungenxa yetyhefu ephezulu yesityalo se-*olieboom* okufuna ukuba abalimi balutshabalalise ngamandla olu khula kude kutshatyalaliswe nesityalo olukuso. Abarhwebi beenkoko abanakuzibeka esichengeni sokungcoliseka iinkozo zabo kanti nezilwanyana mazingavunyelwa ukutyisa emasimini anongcoliseko lwe-*olieboom*. Ngaphaya koko, ifula mayingenziwa ngamasimi kude kususwe yonke i-*olieboom* mhlawumbi ngokutshiza ngesitshabalalisi sokhula okanye ngokuluncothula ngesandla.

NGUJENNY MATHEWS, USIHLALO

WENKQUBO YOPHUHLISO LWAMAFAMA YASEGRAIN SA



Olu phawu olulodwa lwenzeke ngenxa yagalelo lakwaWinter Cereals Trust.

Kwirediyo

Ungaphoswa zezi nkqubo zinomdla kangakanani kwirediyo, neziquka imibandela etsala umdla wabalimi abasaphuhlayo.

IRediyo	Usuku lweveki	Onika ingcaciso	Ixesha
Zululand FM	ngoMgqibelo	nguJurie Mentz	06:10
Ligwalagwala FM	ngoLwesine	nguJerry Mthombothi	05:10
Umhlobo Wenene FM	ngoLwesibini	nguLawrence Luthango	04:30
Alfred Nzo FM	ngoMvulo	ngulan Househam	19:00 - 20:00



Xa ummelwane ebonisa ubulungisa...



UJack Motsoeneng ubonisa amanzi anodaka kwifama yakhe.

UMNUMZANA UJOHN MOTSOENENG NOMNTAKWABO UJACK BAQHUBA IFAMA KWISIPHALUKA SASE-ABERFELDY KWI-FREE STATE ESEMPUMA. BEBEFUMANA INKONZO KWI-GRAIN SA UKUSUSELA KWINXALENYE YOKUGQIBELA KA-2010 KWAYE NGENXA YEEMVULA EZIFIKE EMVA KWEXESHA NGXAKI LEYO ECHAPHAZELE KAKUBI UKULUNGISA KWABO KOMHLABA BAZA BAPHUMELELA KUPHELA UKULIMA EZINYE ZEEMBOTYI ZESOYA NEEMBOTYI EZOMILEYO KULO NYAKA.

Naxa kunjalo bachazwa njengabalimi abasebenza nzima kakhulu kwifama enesakhono esiphezulu, nabazinikeleyo kwiinjongo zabo. Iinjongo ze-Grain SA ngabo kukubaxhasa ukuze bafikelele kwibanga lokurhweba.

Ngotyalelo lwangoDisemba 2011, sixoxe ngokutshatyalaliswa kokhula kwiimboty zesoza. Okoko belime iimboty zesoza ze-Roundup Ready, izixa neendlela zokuyisebenzisa kuxoxiwe ngazo. Umba obaluleke kakhulu ngokusetyenziswa kwe-Roundup sisidingo sokusebenzisa amanzi acoceke ngokugqibeleleyo. Inyaniso yokuba i-Roundup inamathela kwiingqakumbana zodongwe ngoko ke ingakwazi kusebenza sisizathu esingundoqo esenza ukuba i-Roundup ibe ngumchiza oziqhelanisa lula nobume bemeko yendawo. Kunyanzelekile kodwa ukuba kusetyenziswe udidi oluchanekileyo lwamanzi.

UJohn wayekhathazwa kukuba umngxuma osisitsala-manzi kwifama yakhe wawungasebenzi waza wazimisela ukusebenzisa amanzi aphuma emfuleni oyindalo kwifama yakhe. Sijonge udidi lwamanzi aze abonakala elungile ngoko. Ndiphinde ndatyalela ooMotsoeneng ngomhla we-12 Janyuwari 2012, ndabafumana betshiza i-Roundup. Bekusemva kokuna kweemvula ezintle kulaa ndawo. Kucingeleka ukuba amanzi abephokoka ngamandla emfuleni ebenodaka kakhulu ngokunjalo engakufanelanga kwaphela ukusetyenziswa kwe-Roundup. Undixelele ukuba ebesebenzisa loo manzi kwiintsuku ezine ezidlulileyo, kwaye utshize iihektare ezingama-30.

Nditshilo ukuba laa ndawo kuza kufuneka ukuba iphinde itshizwe njengoko imichiza ingakwazanga kusebenza phantsi kwezo meko. Ilahleko yeelitha ez-ingako zemichiza yaba ziindaba ezimbi. UJohn wakhathazeka kakhulu. Wayefuna ukugqiba loo msebenzi ubaluleke kangako kodwa wayengenakukwazi, njengoko ebegekho amanzi acocekileyo. Uphendule wathi: "Ntate, ndenze ntoni!" Ndimcelile ukuba makayeke ukutshiza ndamthembisa nokuba ndiza kuza necebo, ndandingalazi icebo endandithetha ngalo!

Ukuphuma kwam efama, ndigqithe kwifama yommelwane ndakhawuleza ndangena ndingakulungiselelanga oko. Ndingekazibuzi nokuba yintoni injongo yam, ndimenywe nguNksk uRetief ngobubele sathi sisasela isiselo esibandayo wafika noMnu uRetief. Ukususela apho incoko iqhube yenjenje:

URetief: "Ndiyavuya ukukubona Naas, uthengisa ntoni?"

Mna: (Ndihleka) "Hayi Malume, Akukho nto ndiyithengisayo. Ndifuna uncedo."

URetief: "Ndingakunceda ngantoni?"

Mna: "Malume, Ndisebenzela i-Grain SA kwaye sincea ooMotsoeneng, abamelwane bakho" ndayichaza ingxaki yethu.

URetief: "Siza kukunceda ngovuyo. Umoya awunazindleko kum kwaphela kwaye kukhho ipitsi elizeleyo ngoku sithethayo. Gqiba isiselo sakho esibandayo ndikubonise ukuba liphii. Abamelwane bam bandihlonipha gqitha, ngumqweno wam ukubanceda."

Isonjululwe ingxaki, kodwa kukhona okungaphezu koko. Kuhle ukubona ukuba buninzi ubulungisa obenzekayo phakathi kwabamelwane elizweni elineengxaki zongquzulwano ngobuhlanga. Ndakha ndeva kumhlobo wam wakudala osisilumko esikhulu: "Ukufama asikokwenza ubutyebi, yindlela yokuphila" yinyaniso leyo.

**NGUNAAS GOUWS, UMQUQUZELELI
WEPHONDO WENKQUBO YOPHUHLISO YASEGRAIN SA**

Ukubaluleka kolawulo olufanelekileyo lwefama

ULAWULO LWEFAMA LUNGACHAZWA NJENGOKUTHATHA IZIGQIBO EZIZE-ZONA ZIBALULEKILEYO (EZISEKWE KWIINJONGO EZIFANELEKILEYO) NGOKUPHATHELENE NVABASEBENZI NEZINYE IZINTO EZISETYENZISWAYO UKUZE KUPHUNYEZWE IINJONGO ZESHISHINI ELITHILE.

Ulawulo lwefama lungachazwa njengokuthathwa kwezigqibo esisekwe kwiinjongo. Ukuze umlimi athathe ezona zigqibo zigqibeleleyo malunga nemibandela esebenzisekayo emsebenzini wokufama kufuneka enze okulandelayo:

- Inggqibo nokuzimisela ngokuthwala uxanduva;
- Amava ayinto enokwenzeka;
- Ulwazi ngobuchule bomsebenzi;
- Ubuchule bokuqhuba ishishini; kanjalo
- Iinkcukacha ngefama ayilawulayo umntu.

linkalo zolawulo

Kwishishini lokufama umnini/umphathi makalawule iinkalo ezilandelayo:

- Ulawulo lwemveliso (ukuveliswa kweemveliso ngokwenza);
- Ulawulo lokuthenga (ukuthenga amagalelo eemveliso nezinto ezixabisekileyo);
- Ulawulo lokuthengisa (ukuthengisa iimveliso);
- Ulawulo lwemali (ulawulo lwemali lubandakanya iirhafu, ucwangciso lwemizi, imingcipheko nokungaqiniseki);
- Ulawulo lweenkqubo neenkukacha (i-ofisi neengxelo);
- Ulawulo lwabasebenzi (abaqeshwa nabasebenzi);
- Ulawulo lobudlelwane bukawonke-wonke (ubudlelwane nonxibelelwano);
- Izinto ezixabisekileyo (ulawulo, ulondolozo nokuthengisa) nolawulo lwempahla egciniweyo (ukuqwalasela); kananjalo
- Ulawulo Jikelele (Impilo noKhuselo eNgqeshweni, ulawulo lomlilo, ukuba nokhuseleko lwefama).

Ukuchaza isigama esithi iinqobo zokuphatha ishishini

Yintoni ishishini lokufama?

Ishishini lokufama lelokuvelisa iimveliso ezidingwa ngabantu ngokwenza inzuzo ngokudibanisa nokuguqula imiba emine yemveliso, eyile; umhlaba, imali yokuqalisa ishishini, abasebenzi kunye nolawulo ukuze zibe ziimveliso ezifana nokutya kunye/okanye imicu. Umzekelo walo midibaniso womhlaba, imbewu, isichumiso, i-diesel, amanzi, imichiza, isondlo, iindlela zokunyanga, abasebenzi, izithuthi, oomatshini nezixhobo zokuvelisa ingqolowa, ihabile, umbona, uboya, amaqanda, uboya bebhokhwe nezinye izinto.

Iinqobo zokuziphatha

Iinqobo zokuziphatha zichazwa ngokwe-Chambers *Dictionary* njengenzululwazi yemigqaliselo yesimilo, lisebe lengcingane ephathelene nesimo somntu nokuziphatha kwakhe – isixokelelwano semigqaliselo yesimilo nemithetho ngokuziphatha. Okanye ngokwengcinga yabanye yimithetho-siseko ngesimilo elawula okanye echaphazela ukuziphatha. Okanye okunako ukwenza **ukuziphatha ngokweenqobo zesimilo = ukuziphatha okusemthethweni + ukuziphatha kakuhle jikelele**. Ukuziphatha kakuhle jikelele kubhekiselele kuwe. Yindlela oziphatha ngayo wena neyalathwa yinkcubeko, inkolo yakho, indlela okhule ngayo, imizekelo yabanye abantu njalo njalo.

Iinqobo zokuphatha ishishini

Ngoko ke isigama esithi iinqobo zokuphatha ishishini zinokubonwa njengendlela oliphatha ngayo ishishini lakho. Kubalulekile ukuphawula inyaniso

yokuba kukho iinkcubeko ezahluka-hlukileyo – eyamaJapani, amaXhosa, abeTswana, amaNgesi, amaBhulu njalo njalo – kodwa ikhona inkcubeko yeshishini ecacileyo. Ngaba uyanamathela kuyo yonke imithetho nasekuziphatheni kakuhle jikelele? Kwindlela yokuziphatha malunga neshishini lakho – ngaba uyayibonisa inkcubeko yeshishini kwaye ngaba ubonisa iimpawu ezifana nengqiqo, ukuthwala uxanduva, ukuthembeka, ukunyaniseka?

Xa uqhuba (ulawula) ishishini elifana neshishini lokufama uyinkokeli kwaye indlela oziphatha ngayo ibonisa into oyiyi.

Ukubaluleka kweenqobo zokuphatha ishishini

Izidingo zabantu

Ukususela ekudalweni komntu, umntu waba soloko enento ayidingayo ukuze aphile. Ukutya kwaba soloko kusidingo esisiseko, kunye nempahla yokunxuba kunye nekhushi. Ekuqalekeni umntu ebezibonelela ngokwakhe ngezidingo zakhe, umzekelo, ngokuzingela, ukuvuna izityalo kwezizikhulelayo, ukwenza iimpahla zakhe zokunxiba nokuhlala kwikhushi lemiqolomba.

Ngokuya ziqhuba izidingo zabantu ukuya kwinqanaba eliphezulu lezidingo zanamhla. Abantu basuke ekwanelisekeni ngezinto abanazo ukuya ekuthengeni izinto ezininzi abazidingayo. Ngokubanzi amashishini ehlabathi lanamhla lezinto zangoku abonelela ngazo zonke izidingo zabantu aze afumane imali.

Ngoko ke namhla sidinga imali ukuze sitshintshise ngemali ngazo zonke izidingo zethu. Njengabantu sinokuyifumana imali ngokusebenza kuphela ukuze sibe nengeniso. Mhlawumbi ungazisebenzela okanye usebenzele omnye umntu. Ukuba ukhethe ukuzisebenza, njengaxa uneshishini lokufama, ishishini kufuneka libe nempumelelo. Kwezolimo zoqobo into enokwenzeka kukuba ishishini lakho libonelele ngemveliso/iimveliso ezidingwa ngabantu ukuze umnini afumane ingeniso. Kuxa ishishini lisenza inzuzo kuphela ukuze umnini afumane ingeniso (umvuzo). Ukuba kukho ilahleko, umnini/abanini abafumani ngeniso.

Ingeniso nenkcitho

“Izinto ezizidingo” ezinikwa ngamashishini “zithengiselwa” abasebenzisi. Imali efumaneka kutshintshiselwano yingeniso yeshishini. Ngethuba lenkqubo yokuvelisa kunye/okanye ukunikela ngezidingo ishishini lifumana iindleko okanye iinkcitho. Ezi ndleko zahlulwa ngokwamaqela ahluka-hlukeneyo:

- **Iindleko zemveliso** – imbewu, isichumiso, imichiza yokutshabalalisa izonakalisi sokutya, amayeza, ukuvuna neendleko zokuthengisa.
- **Iindleko ezongezelelweyo** – iindleko zebhanki, iindleko ze-ofisi, ukubalwa kwemali neendleko zezithuthi.
- **Iindleko ezihlala zikhona** – iimvume zezithuthi, imivuzo yabaqeshwa abasisigxina, ukuhla kwamaxabiso neendleko ze-inshorensi.
- **Iindleko zemiba yangaphandle** – inzala yeemali-mboleko, imivuzo yomphathi nerenti yokuqeshisa umhlaba.

Iindleko ezipheleleyo zisisibalo esipheleleyo sazo zonke iindleko.

Inzuzo/ilahleko

Inzuzo iilingana nengeniso engaphezu kweenkcitho ezipheleleyo. Ingeniso – iinkcitho = Inzuzo/ilahleko.

Ngokwemigqaliselo yeshishini yonke into, wonke umntu obandakanyeka kwishishini, nokuba ngumnini/abanini, abalawuli okanye abaqeshwa, ngento abayenzayo, okanye abangayenziyo, into abafanele ukuyenza, bachaphazela inzuzo (ngamanye amazwi bachaphazela ingeniso kunye/okanye iinkcitho) yeshishini.

- Xa usebenzisa ifowuni okanye iselfowuni, uchaphazela iindleko ekugqibeleni inzuzo.

- Xa uqhuba iveni yakho usiya edolophini, uchaphazela iindleko ekugqibeleni iinzuzo.
- Xa usebenzisa itrektara, uchaphazela iindleko ukuze ekugqibeleni kuchaphazeleke inzuzo.

Ngokunjalo indlela oziphatha ngayo wena mphathi/nkokeli yeshishini lakho iya kuchaphazela iinzuzo/ilahleko zeshishini lakho. Ifuthe linokuba lelilungileyo okanye elingalunganga. Ukuze umnini akwazi ukufumana umvuzo, kubalulekile ukuba ishishini ligcine iingeniso ezilondolozekayo kwithuba elithile lexesha. Ngoko ke, umnini/umphathi makenze konke anako ukuze aphumeze nje oko.

Iinqobo ezilungileyo zokuphatha ishishini (ukuziphatha okulungileyo) kuya kuba nendima enkulu ekugcineni iinzuzo ezilondolozekayo. Kwelinye icala, iinqobo ezingalunganga zokuphatha ishishini ziya kuba nendima echasene nempumelelo. Ewe, kusenokubakho izinto eziluncedo kwithuba elifutshane kodwa iinqobo ezingalunganga zokuphatha ishishini ezifumaneka kwithuba elide, ziya kudala ishishini elibuthathaka.

Njengenxalenye enkulu yeenqobo zokuphatha ishishini, ingqiqo, ngelishwari ngokuba yimfuneko ephelela emoyeni namhla. Imigangatho yabantu ngabanye iyacumzeka kwiilabathi elilawulwa ziinkanuko zabantu ngabanye abazityebisa ngokwabo nabantu abathatha iindlela eziqumlayo eziya empumelelweni. Khumbula: igama lakho elilungileyo liyinto exabiseke kakhulu. Akukho mntu unokulisusa kuwe ngaphandle kwakho.

- Igama elilungileyo liphucukile kunobutyebi.
- Igama elilungileyo kulula ukuba lilahleke kunokulifumana.

Iinqobo zokuphatha ishishini nolawulo lwemveliso

Ulawulo lwemveliso

Imveliso yezolimo ibandakanya ukudibana nokuguqulwa kwemiba emine yemveliso, eyile, umhlaba, imali yokuqalisa ishishini, abasebenzi kunye nolawulo ukuze zibe ziimveliso ezinoncedo ezifana nokutya, imicu, njalo njalo. Umzekelo walo mdibaniso ngumhlaba, imbewu, isichumiso, i-diesel, amanzi, imichiza, isondlo, izinto zokunyanga, abasebenzi, izithuthi, oomatshini nezixhobo zokuvelisa ingqolowa, ihabile, umbona, inyama iwulu, njalo njalo.

Injongo yalo naliphi sishishini kukuba "livelisa okuthile okudingwa ngabantu" ngokufumana inzuzo kwaye oko ngumsebenzi wolawulo lwemveliso. Ngamanye amazwi, ulawulo lwemveliso lusebenza ngemveliso yezinto eziveliswa efama.

Khumbula ukuba imveliso ngowona msebenzi uphambili kwishishini lokufama kwaye inefuthe elithe ngqo. Umlinganiselo uthi; umlinganiselo osisiseko yiNgeniso – iinkcitho = Inzuzo/Ilahleko.

Into eveliswa efama ukuze ekugqibeleni ithengiswe mhlawumbi yiyo kuphela ezisa ingeniso kwishishini, logama ngethuba lenkqubo yemveliso zininzi iinkcitho ezifumanekayo. Ngoko ke, indlela elawulwa ngayo imveliso efama

inefuthe elithe ngqo kwiNgeniso – iinkcitho = Inzuzo/Ilahleko.

Ekuveliseni imveliso okanye iimveliso, imali nokuthengisa zikholisa ukuba nemiceli-mingeni. Imali ngumceli-mngeni xa udinga iinkxaso-mali zokukunceda kwiinkcitho zakho zemveliso. Uza kuyifuna inkxaso-mali efunekayo? Xa ubleka imali ziyanda iinkcitho kuba kukho inzala ehlawulwayo. Oku kwandisa uxinzelelo lweshishini.

Ngamanye amaxesha ukuthengiswa kweemveliso kuba nemiceli-mingeni. Ngokwemigqaliselo yokuthengiswa kweemveliso, umthetho-siseko ofanele ukukhunjulwa kukuba ungabokuqala ngomsebenzi wemveliso xa ungenamandla wentengiso wokuthengisa imveliso yakho. Xa ungenamandla wentengiso usenokungakwazi ukuthengisa iimveliso yakho kwaye xa ungakwazi ukuthengisa imveliso, ixabiso elifumanekayo alinakwaziwa. Ukunciphisa umngcipheko ngokuphathelene nokuthengiswa kweemveliso nexabiso, abalimi bakholisa ukungena kubhambathiso lokuthengisa/lomsebenzi wemveliso, ziyahluka iintlobo zobhambathiso ezikhoyo.

Nangona unokubona ngathi kwifama yakho kufanele ukuba nguwe owenza isigqibo ngento okhetha ukuyithengisa. Izizathu zoshishino ezifana nemali, ukuthengisa, ixabiso nolawulo lwemngcipheko, esezikhankanyiwe, zinako ukuthintela imveliso onokuyivelisa okanye ubungakanani bayo. Oku kulawulwa ngokungena kubhambathiso ngeenjongo zokufumana inkxaso-mali okanye ukuthengisa/umsebenzi wokuvelisa ukuze kulawuleke imingcipheko yokuthengisa neyamaxabiso. Umntu makangaze enze linge lokuvelisa imveliso engaziqhelanisanga nobume bemeko yefama.

Imizekelo ifana naxa ufumene inkxaso-mali ngemboleko kwiqumrhu elisebenza ngezityalo eziziinkozo ukuze uvelise umbona weehektare ezili-100 zombona (kuqukwa imali efunekayo, ukuthengisa/umsebenzi wokwenza imveliso nexabiso), okanye inkxaso evela kubhambathiso lwenkxaso-mali oluphathelene neziko elinika inkxaso yemali. Okanye masithi ufumana ubhambathiso lokuvelisa iinkuku zenyama zomlungiseleli othile; wena ubizwa ngokuba "ungumkhulisi". Phantsi kwezi meko unyanzeleke ngokwasemthethweni ukuvelisa ekuvunyelweni ngako.

Khumbula

- Ngokwemigqaliselo yeshishini, yonke into, wonke umntu obandakanyekayo kwishishini, nokuba ngumnini/ngabanini, ngabaphathi okanye ngabaqeshwa, uchaphazela inzuzo (ngamanye amazwi bachaphazela ingeniso kunye/okanye iinkcitho) yeshishini.
- Xa uboleke imali, kaninzi isityalo sibonwa njengokhuseleko lwemali-mboleko ngoko ke kufuneka ukuvelise ekuvunyelweni ngako.
- Iziganeko zobhambathiso nokuba zibhaliwe okanye zenziwe ngomlomo, ziyabophelela, kubandakanywa ubhambathiso lomsebenzi wemveliso.
- Xa uboleke imali, ngokuba yeyokwenza ntoni, ngendlela ethile, mayibuyiswe, okuqhelekileyo kukuba sukuba seyinenzala ngaphezulu.



Olu papasho lwenziwe lwabakho ngabakwa Maize Trust.

GRAAN SA

PO Box 88, Bothaville, 9660
▶ (056) 515-2145 ◀
www.grainsa.co.za

UMPHATHI WENKQUBO

Jane McPherson
▶ 082 854 7171 ◀

INGCALI: UQEQUESHO NOPHULISO

Willie Kotzé
▶ 082 535 5250 ◀

INGCALI: FIELD SERVICES

Danie van den Berg
▶ 071 675 5497 ◀

USASAZO: PULA-IMVULA

Debbie Boshoff
▶ (056) 515-0947 ◀

ABAQUQUZELELI BAMAPHONDO

Daan Bosman

Mpumalanga (Bronkhorstspuit)
▶ 082 579 1124 ◀

Johan Kriel

Vrystaat (Ladybrand)
▶ 079 497 4294 ◀

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
▶ 084 604 0549 ◀

Lawrence Luthango

Oos-Kaap (Mithatha)
▶ 083 389 7308 ◀

Jurie Mentz

KwaZulu-Natal en Mpumalanga
▶ 082 354 5749 ◀

Ian Househam

Oos-Kaap (Kokstad)
▶ 078 791 1004 ◀

Naas Gouws

Mpumalanga (Belfast)
▶ 072 726 7219 ◀

UMPAPASHI

Infoworks

▶ (018) 468-2716 ◀
www.infoworks.biz



I-PULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,

isiNgesi, isiBhulu, iSeTswana, iSeSotho,
iSeSotho sa Leboa nangesiZulu.

Ukubaluleka kolawulo olufanelekileyo lwefama

Ukuziphatha okufanelekileyo

- Ukuziphatha okufanelekiyo kuthetha ukwenza imveliso ekuvunyelwene ngayo kubhambathiso oluthile.
- Ngamanye amaxesha ezi ziganeko zobhambathiso zibandakanya amatyala okuhlola, ngamanye amazwi, ngokobhambathiso uvumile ukuba elo ziko kubhekiselelwe kulo livunyelwe ukuhlola amasimi kumabakala athile omsebenzi wemveliso. Ukuziphatha okufanelekileyo kuthetha ukuvumela la mathuba okuhlola xa eceliwe okanye iziko linokumenywa ukuba likutyelele.
- Okanye kunikwe ingxelo ngomsebenzi wakho ngemveliso ngaphandle kwemvume yakho.
- Xa ufumana ubunzima ngenkqubo yakho yomsebenzi wemveliso, ziphathe ngokunyaniseka kwelinye iqela kwaye unike ingxelo ngobunzima bakho kuselithuba. Umzekelo, ngenxa yobunzima usenokungakwazi ukunikela ngemveliso ekuvunyelwene ngayo, xoxa ngemeko nelinye iqela kuselithuba. Mhlawumbi basenokukwazi ukukwamkela oko okanye kufunyanwe isisombululo ngendlela yemvisiswano.

Ukuziphatha okungafanelekanga

- Musa ukuvelisa ngaphantsi kunesivumelwano.
- Musa ukuvelisa ngaphezu kwesivumelwano mhlawumbi kuba usithi uzama ukusebenzisa amagalelo kangangoko ngenjongo yokwenza imali ethe chatha. Uya kuba akusihoyanga isityalo sakho ngaloo ndlela ungakwazi kuphinda ulihlawule ityala lakho.
- Xa uthetha-thethana ngemali-mboleko, musa ukuthi unazo izixhobo eziyimfuneko zokuvelisa imveliso ngempumelelo, kodwa kube kungenjalo. Ngamanye amazwi, ungazami ukubonisa ukuba unaso isakhono sokusebenza intsimi okanye sokukhupha imveliso, kodwa ube usazi ukuba, enyanisweni, akunaso.

- Ngenxa yokuziphatha okungafanelekanga kwithuba langaphambili, amaziko emali awasabaniki uqobo lwemali abalimi xa befumana imali-mboleko. Banokukwenza oko kwiimeko ezifana zodwa kakhulu. Namhla abalimi kufuneka ukuba bathenge amagalelo abo ngqo kumxhasi okanye bafake i-odolo kumxhasi othi ahlawule ityala ngqo kumthengisi. Xa ufumene amagalelo ngale ndlela, akuwathengisi bucala amanye ala magalelo ngenjongo yokufumana imali ukuze emva koko ungawuhoyi umsebenzi wemveliso yakho.
- Xa uthenge iinkomo ngokusebenzisa isicwangciso esithile uze ubeke iinkomo njengokhuseleko lwemali-mboleko, kwenzeka njalo nangeenkomo. Musa ukuthengisa ezinye iinkomo ngenjongo yokufumana imali, khumbula ukuba ufumene ezo nkomo ukuze uzuze imveliso wandule ukuhlawula amatyala akho.

Isiphumo

Xa ukhupha imveliso ngokobhambathiso lwemveliso sukuba ungene kwimvisiswano malunga nokuhlolwa, thembeka ngokuphathelelene nezixhobo ezikhoyo zokusebenza nangengqeshiso yomhlaba ngokwenza njalo uya kuzibonakalisa njengomlimi ohloniphekileyo. Oku kuya kuba yinzuzo kwishishini lakho kwixesha elizayo. Amaziko aya kukuthakazelela kwaye azimisele ukuba nobhambathiso nawe.

Ukuziphatha okungafanelekanga okubonakalisa iinqobo zokuphatha ishishini ezingafanelekanga kuya kuba nesiphumo esichasene nempumelelo. Uya kufumana ubunzima bokuzuza ubhambathiso lokwenziwa komsebenzi wemveliso. Ukuziphatha okufanelekileyo kubonisa ingqiqo, ukuthembeka, ukuthwala uxanduva nokunyaniseka.

**ULWAZI LUHLENGA-HLENGISWE
UKUSUSELA KWIZIFUNDO ZEENQOBO
ZOKUZIPHATHA NGUMARIUS GREYLING**



Injongo yethu kukuvelisa olona papasho lubalaseleyo xa lunokubakho. Nawaphi amanqaku aphawulwayo ngesiquqatho somhleli okanye ngedlela yokubhalwa kwaso ngoko ke, mawabhekiswe kuJane McPherson.